# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# ISICELO SELAYISENISI YOKUSETYENZISWA KWAMANZI NGOKUHLANGANISIWEYO KWILITYE ELIGCINA AMANZI PHANTSI KOMHLABA EATLANTIS

Njengenxalenye yophuhliso nophuculo lweNkqubo yoLawulo loMthombo waManzi eAtlantis (AWRMS), iSixeko saseKapa siphakamisa ukufaka isicelo selayisenisi yokusetyenziswa kwamanzi ngokuhlangeneyo kwiSebe lesizwe laManzi noGutyulo (DWS) yokutsalwa kwamanzi aphantsi komhlaba kunye nokulawulwa komthombo wamanzi  (MAR) waseAtlantis.

ISixeko sinobhaliso olukhoyo lwamanzi aphantsi komhlaba kunye neDWS (isiqinisekiso sobhaliso esingunombolo 22060804) sokugrunjwa kwe5 miliyoni $m^3$/a zamanzi aphantsi komhlaba ngonyaka kumthombo wamanzi waseAtlantis kunye nelayisenisi ekhoyo yokusetyenziswa kwamanzi (inombolo yelayisensi 19/G21B/E2789) yokuzalisa ngokutsha umthombo wamanzi kunye nokunkcenkceshela iipaki zengca zikamasipala ngamanzi acociweyo (umthamo:5 142 095 $m^3$/a ngonyaka) ukusuka kwindawo yokucocwa kwamanzi amdaka eWesfleur, eyagunyaziswa ukususela ngowe15 kweyoMnga 2014. Olu gunyaziso luza kusebenza kude kube kweyoMnga 2034.

Isicelo esitsha selayisenisi yokusetyenziswa kwamanzi ngokuhlangeneyo  siya kuba sesokwomba ukuya kutsho kwi13 miliyoni $m^3$/a zamanzi aphantsi komhlaba ngonyaka kumthombo wamanzi waseAtlantis; yokuzalisa ngokutsha umthombo wamanzi kunye nokunkcenkceshela iipaki zengca zikamasipala ngamanzi acociweyo (umthamo: 5 142 095 $m^3$/a ngonyaka) ukusuka kwindawo yokucocwa kwamanzi amdaka eWesfleur nakwidolophu yaseAtlantis ngokulandelelanayo; uphuculo kunye nokusebenza komjelo osele ukho kunye nempompo phakathi kwe100 m yeSilwerstroom kunye nokukhutshwa okungxamisekileyo kwamanzi amdaka acociweyo kunye/okanye amanzi esitshi eDonkergat River.

I-AWRMS itsala amanzi aphantsi komhlaba ukuze kubonelelwe omasipala ngesixa esikhulu sobonelelo lwasekhaya, lwasezidolophini, nokusetyenziselwa ezolimo olungabhekanga phi kwidolophu yaseAtlantis kunye nemimandla eyingqongileyo kwaye sele isebenza ngaphezu kweminyaka engama40.

Ukubhalisa nokunika uluvo lwakho, nceda uthumele i-imeyile kuCandice.LasherScheepers@capetown.gov.za okanye kuPhilani.Msimango@capetown.gov.za, okanye ugcwalise ifom kwi-intanethi kuwww.capetown.gov.za/haveyoursay  ungadlulanga uLwesihlanu 30 kweyoMsintsi 2022.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA103/2022**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**